# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# ISIPHAKAMISO SESICWANGCISO ESINGORHWEBO LASESITRATWENI, ESILUNGISELELWE IMARIKE EYI THEMBOKWEZI MARKET

ISixeko saseKapa sinegunya lokulawula urhwebo lasesitratweni kummandla waso eliwugunyaziselweyo. Kwakhona, sisenokuba ngokuthi sisebenzise uMgaqonkqubo ongoRhwebo laseStratweni, sibhengeze isicwangciso sorhwebo lasesitratweni ngokujoliswe kuyo nayiphina indawo okanye ummandla kwakhona ngokuthi sisebenzise isicwangciso sorhwebo lasesitratweni singabalula indawo ethile emiselwe oko, enesithintelo okanye imimandla enesithintelo sorhwebo lasesitratweni.

Kufuneka kuqala kufumaneke isiphumezo esisesikweni seBhunga njengenxal'enye yenkqubo ngaphambi kokuba kumiselwe okanye kubhengezwe ngokusesikweni nayiphina indawo njengommandla ongorhwebo lasesitratweni.

ISixeko sikwinkqubo yophuhliso lwesicwangciso sorhwebo lasesitratweni esilungiselelwe imarike eyiThembokwezi market. Onke amaqela anomdla nachaphazelekayo ke ngoko ayamenywa ngokusesikweni ukuba azimase le ntlanganiso yoluntu (usuku oluvulelekileyo) ilandelayo kwaye angenise izimvo ngokujoliswe kwisicwangciso esi esiluyilo:

**Umhla:** 31 kweyoKwindla (Matshi) 2026
**Ixesha:** 09:00 – 18:00
**Indawo:** kwiHolo leCBD yaseKhayelitsha (kwiZiko iThusong, kwiWalter Sisulu Drive neSteve Biko Road, eKhayelitsha

Ngokwecandelo 17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso, ukususela ngowe9 kweyoKwindla (Matshi) ukuya kowe9 kuTshaziimpuzi (Epreli) 2026.

**Izimvo, izilungiso okanye izindululo zingangeniswa ngokusebenzisa:**
I-imeyile: Sixolile.Gantsho@capetown.gov.za
IWebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay
Usingenise ngokwakho, kwa: 4 Hlomela Street, Town 2, eKhayelitsha (kwiOfisi kaCeba weWadi)
KwiiOfisi zeBhungana 10: KwiZiko lezoQeqesho laseKhayelitsha, 50 Lwandle Road, Village 2, eKhayelitsha

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana noMbuthokazi Kubashe, kwa Mbuthokazi.Kubashe@capetown.gov.za ukuze ufumane uncedo.

Ukuze ufumane enye ingcaciso ngokumalunga nentathonxaxheba yoluntu ngokubanzi, qhagamshelana noMbuthokazi Kubashe kumnxeba 021 400 9808 okanye uimeyilele ku Mbuthokazi.Kubashe@capetown.gov.za

Isiphakamiso sesicwangciso siyakuthi sifumaneke ukuba siphononongwe kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa engu www.capetown.gov.za/haveyoursay, kwiofisi yeBhunga 9 kunye nakwizakhiwo zamathala eencwadi eSixeko kwiBhungana 9.

**Qhagamshelana noSixolile Gantsho kumnxeba 021 360 1271 okanye ku Sixolile.Gantsho@capetown.gov.za ngokumalunga nayo nayiphina imibuzo emalunga nesicwangciso esiluyilo.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA44/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**